litasa

LITERACY ASSOCIATION OF SOUTH AFRICA

# INKOMFA YE LITASA YE21 YONYAKA NONYAKA

## “Reading the Future, Ukufunda Ikusasa, Ho Bala Bokamoso: Literacies for Transformative Education”

**4 - 6 KWEYOMSINTSI 2026,**
**KWIYUNIVESITHI YASE WITWATERSRAND, JOHANNESBURG, GAUTENG**

IINDIBANO ZOCWEYO ZAPHAMBI KWENKOMFA ZIYA KUBANJELWA:
REGENESYS SCHOOL OF EDUCATION

~~Ukufakwa kwee-Abstrakti: Kuyavalwa ngowe 15 kweyoKwindla 2026~~

UKUNGENISWA KWE-ABSTRAKTI: UMHLA WOKUGQIBELA UYANDISWA — 30 UTshazimpuzi 2026

Xa ufuna ukufaka i-Abstrakti, tyelela ku- www.litasa.org.za/conference



# "Reading the Future, Ukufunda Ikusasa, Ho Bala Bokamoso: Literacies for Transformative Education"

**Sibhiyozela iminyaka engama-21 yokukhulisa nokuphuhlisa ukufunda nokubhala, ngophando, umsebenzi, kunye nokukhuthaza ulwazi.**

Eminyakeni engaphezulu kweshumi, le Nkomfa sele ihlanganise abafundisi nabahlohli, iingcali kwezophando, abaqulungqi beepolisi, iintlangano zoluNtu kwanamatshantliziyo aququzelela ukwakha ubume bezeLitheresi eMzantsi Afrika. Njengokuba sibhiyozela usuku lwama21 lokuzalwa kweLITASA, iKomiti eququzelela iNkomfa yowe 2026 iyakumema ukuthi ukhe uzobe umfanekiso-ngqondweni wenxaxheba edlalwa yiLitheresi ekwakheni ikamva elisebenzisa intlaninge yeelwimi (multilingualism) ngokulinganayo nangobulungisa kuluNtu lonke - ikamva apho ummi ngamnye woMzantsi Afrika ekwazi ukufikelela ulwazi aze athabathe inxaxheba epheleleyo ngesidima nesizotha kwimiba yelizwe.

Ngalomzuzu apho iingxelo zeziphumo zovavanyo lwePIRLS zicela umngeni, umsantsa wokungalingani kwabantu uya uvuleka ngokuvuleka, ukusetyenziswa kweeteknoloji ze AI kukhula ngesantya esiqavile futhi kubonakala iinguqu ngeenguqu ekuphileni kunye kwabantu abantetho namasiko ahlukeneyo, iLitheresi ibonakala isisixhobo esinamandla okuzisa inguqu engundoqo eluNtwini. Isihloko salomnyaka esithi: "Reading the Future / Ukufunda Ikusasa / Ho Bala Bokamoso" sitshayelela ukusetyenziswa kweeLitheresi ezisekelwe kwintlaninge zeelwimi (multilingualism) njengesixhobo esimandlakazi ekuhlanganiseni amakhaya nezikolo, imiba yasekuhlaleni namathuba aqulethwe ngu"zwelonke" (global opportunities) nokuhlanganisa futhi ukufunda okusezisekweni kanye nemfundo ephakamileyo.

Sihlaba ikhwelo simema ilima lezimvo malunga neendlela ezintsha zophando, zokufundisa nokufunda emagumbini, zokusebenzisana noluNtu jikelele kanye neepolisi ezingo"Vulindlela" malunga nokusetyenziswa kwentlaninge yeelwimi (multilingualism) nokuphuhliswa kweLitheresi ebomini bonke nakwezemfundo kwilizwe elikhungethwe ziinguqulelo zodwa.

**ILitheresi yenguqu-ndoqo: Ukuhamba ngesantya selizwe leenguqu**

- Ingenziwa njani imfundo yeLitheresi ukuze imilisele ubulungisa, ukulingana koluNtu nokuthabatha inxaxheba kuyo yonke imiba yasekuhlaleni?
- Zingenziwa njani iindlela zokufundisa kanye neeteknoloji ezingoo"Vulindlela" ukuze zihlangabezane nemingeni emitsha yeLitheresi?
- Imele ithabathe siphi isimo imfundo yeLitheresi kwelixesha le-AI?
- Ingadlala yiphi inxaxheba iLitheresi ekuxhaseni ukucinga nzulu nokuhlalutya iingcinga, ukukhuthaza uluNtu ekuthabatheni inxaxheba kwimiba yasekuhlaleni, nokuphuhlisa intlalo ye-demokhrasi?
- Kungenziwa ntoni ukuze iintsebenzisano zamaqela ahlukeneyo, iindlela ezingo"Vulindlela" zokutyala imali kwezemfundo, neendlela zokwalusa nokuvavanya ziqinekise ukuthi iLitheresi yenza umahluko wobomi bonke?
- Kungenziwa ntoni ukuqinisekisa ukuthi ii"Modeli" zeLitheresi zenza umahluko wobomi bonke?

**Iziseko zeNgomso: ILitheresi eminyakeni yokuqala esisiseko**

- Iziseko ezomeleleyo kwiminyaka yokuqala ziziqinisekisa njani iziphumo ezihlala ubomi bonke?
- Ziziphi ezona ndlela zixhasa uphuhliso lweLitheresi kwiminyaka yokuqala eziziseko elusatsheni?
- Zingamiliselwa njani iilwimi zenkobe kwakunye nolwazi lwemveli kwiindlela zokufundisa ukuze kubekho umahluko obonakalayo kwiziphumo?
- Zingakhiwa njani iintsebenzisano (partnerships), kufakela neendlela zokuhlangana ngoqhakamshelwano lweteknoloji, ukuze kuqinisekiswe impumelelo ekufundeni iLitheresi kubantwana abaselula?

**Ukufunda ngokweminyaka ilandelelana: Yintoni eguqukayo, yintoni ehlala iqhubeka?**

- Zikhula njani izakhono zeLitheresi xa abantwana besuka kwelinye ibanga besiya kwelilandelayo ngokwehlelo lezikolo?
- Zeziphi iinkqubo ezinika ubunzulu kulwazi lokufunda nokubhala xa abantwana bedlula kumabanga aziziseko?
- Izikolo zingenza ntoni ukuze kubekho ukuqhubekela phambili ekuphuhliseni izakhono zokufunda nokubhala kubantwana xa besuka kwelinye ibanga bengena kwelilandelayo?
- Ukuguqukela kwiilwimi ezahlukeneyo kuluchapazela njani uphuhliso lweLitheresi?

**IiLitheresi kwiMfundo ePhakamileyo: Ubulungisa bokufikelela ulwazi ngokulinganayo**

- IiYunivesithi zingenza njani ukumilisela iiLitheresi zemfundo noqeqesho kwiimeko apho iintetha neelwimi zahlukahlukayo?
- Bungabonakaliswa njani ubulungisa nokulingana (equity) kwimfuna-lwazi ngeendlela ekuphuhliswa ngazo izakhono zokufunda nokubhala?
- Zingayilwa njani iindlela zokuphucula imfundo ukuze zingabi zezilungisa nje okusele konakele, koko zinike amandla okwenza ngcono zisasuka nje?
- Mawenze njani amaziko emfundo ephakamileyo ukuhlangabezana nemiceli-mngeni equlathwe yi-AI, naleyo ephathelele kwizixhobo zedijithali ezisentyenziswa ekubhaleni kwakunye neemfuno zeLitheresi eziguquguquka imihla nezolo?

**Ukucinga kabutsha ngovavanyo: Uvavanyo lokufunda iLitheresi olungqiqo ivakalayo futhi lunobulungisa**

- Maluqhutywe njani uvavanyo ukuze luqinise uphuhliso lweLitheresi kwiimeko eziquka intlaninge yeelwimi (multilingualism)?
- Mawathini ukwenza amagumbi okufundela, izikolo, uZwelonke namazwe onke ukuqulunqa iimvamvanyo ezimilisela ukufundiswa kweLitheresi?
- Kufuneka iimvamvanyo ezibume bunjani ezinokuthi zibonakalise ngokuchaneke nkcakasana ukuthi abafundi bacaphuna koovimba abazintlobontlobo kwintlaninge yeelwimi abazifikelelayo (multilingualism) neendlela zokubonisa izakhono zabo?
- Bangazisebenzisa njani iziphumo zeemvamvanyo (assessment data) abafundisi-ntsapho ukuze bahlangabezane nezidingo ezibonakaliswa luvavanyo bejonge futhi nasekucwangciseni ikharityhulamu ngokufanelekileyo?

**Masibuyele kwiNgomso: IiLitheresi ezigqobhozela ngaphaya kumagumbi okufundela**

- Zingaphuhliswa njani iiLitheresi ekuhlaleni, emakhayeni, kwiindawo zomsebenzi nalapho kuqulunqwa ezentlalo?
- Angenza njani amathala eencwadi, imibutho ezimeleyo (NGOs), amaqumru asekuhlaleni nezitshotshovu zemibutho yeLitheresi ukuze bonke bavule iminyango yokuphuhlisa izakhono zokufunda nokubhala?
- Ntlobo zini zeLitheresi ezintshulayo kwidijithali, ekuhlaleni, kulutsha nakwizithebe zezentlalo?

## Iinkcukacha zokunikezela okubhaliweyo:

**Ulwimi onikezela ngalo umsebenzi wakho:**

- Samkela umsebenzi neziphakamiso ezibhalwe ngalo naluphi na ulwimi kwezi zili12 ezisetyenziswa embusweni waseMzantsi Afrika. Nceda ucacise ukuthi uzakusebenzisa luphi na ulwimi kumsebenzi owunikezelayo

**Presentation Categories:**

- **Amaphepha abazimeleyo** - 15-min prizenteyishini | 10-min yeengxoxo
- **Imisebenzi yee "Practitioner"** - 15-min prizenteyishini | 10-min yeengxoxo
- **Ii-Workshopu** - Iyure enye
- **I-prizenteyishini yePoster** - Ibekwa ekuhleni logama iNkomfa iqhubeka
- **Iingxoxo zamaqumru** - Iyure enye | izithethi 3-5
- **Kugwagwiswa iiProjeki zasekuhlaleni** - 15-min prizenteyishini | 10-min yeengxoxo
- **Ukuboniswa kwemisebenzi engo"Vulindlela" nefikelelwa ngezimvo ezahlukeneyo kwezeLitheresi** - 15-min prizenteyishini | 10-min yeengxoxo

**Ubude bee "Abstrakti":**

Ii-Abstrakti zamaphepha ophando, zee"prezenteyishini zabaSebenzi (Practitioners), ezee-Workshopu, ezee-poster, ezeeprojekti ezigwagwisa imisebenzi yoluNtu nezo zemisebenzi engo"Vulindlela" nefikelelwa ngezimvo ezahlukeneyo kwezeLitheresi zonke mazingadluli kuma200 amagama futhi zingafaki zicatshulwa. .Ii-Abstrakti zeengxoxo zamaqumru (panel discussions) mazingadluli kuma350 amagama sezifakelele neenkcukacha zamaqumru.

~~UMHLA WOKUVALWA KWEE-ABSTRAKTI: 15 KWEYOKWINDLA 2026~~

**UKUNGENISWA KWE-ABSTRAKTI: UMHLA WOKUGQIBELA UYANDISWA — 30 UTSHAZIMPUZI 2026**

**Masihlangane sihlalutye, sifake imiceli-mngeni, sizobe imifanekiso-ngqondweni futhi sibhiyozele ikamva leeLitheresi eziquka intlaninge yeelwimi ezahlukeneyo (multilingualism) eMzantsi Afrika nangaphaya kwemida yeli.**

# 2026 Conference FAQ

litasa
LITERACY ASSOCIATION OF SOUTH AFRICA

**Q** Ngubani ofanelekileyo ukuthumela i-abstract?

**A** Literacy Association of South Africa yamkela izicelo ze-abstract ezivela kubantu abohlukeneyo nemibutho esebenza kwicandelo lokufunda nokubhala, imfundo, uphando, kunye nophuhliso loluntu.

**Q** Ngawaphi amaqela abantu akhuthazwa ukuthumela ii-abstract?

**A** Ngubani Onokuthumela ii-Abstract:

- Abaphandi baseyunivesithi nabafundisi
- Abafundi abenza izidanga eziphezulu (Honours, Masters ne-PhD)
- Abafundisi-ntsapho nabafundisi beekholeji/eyunivesithi
- Abasebenzi be-ECD (Early Childhood Development)
- Ootitshala beSigaba seSiseko (Foundation Phase)
- Ootitshala beSigaba esiPhakathi nesiPhezulu
- Iingcali zokufunda nokubhala kunye nabaqeqeshi bolwazi lokufunda
- Oonolayibrari besikolo noluntu
- Abasebenzi be-NGO nemibutho engenzi ngeniso
- Abaququzeleli bolwazi lokufunda kuluntu kunye nabaqhuba amaqela okufunda
- Abenzi bomgaqo-nkqubo wemfundo kunye namagosa karhulumente
- Abaqulunqi bekharityhulam kunye neengcali zovavanyo
- Abasebenzi benkxaso yemfundo ephakamileyo
- Abasebenzi bee-writing centre kunye nabancedisi bokufunda
- Iingcali zetekhnoloji yemfundo kunye nabavelisi be-EdTech
- Abaphandi be-AI kunye nolwazi lokufunda ngedijithali
- Imibutho yoluntu eqhuba iinkqubo zokufunda nokubhala
- Abakhuthazi bolwimi lweenkobe kunye nemfundo yolwimi lweenkobe
- Iingcali zolwazi lwamasiko nababalisi beentsomi
- Abaqeqeshi bolwazi lokufunda emsebenzini
- Abaququzeleli beenkqubo zokufunda kusapho
- Abapapashi beencwadi kunye nabaqulunqi beenkqubo zokufunda

**Q** Ngaba kufuneka ndibe ngumphandi ukuze ndithumele i-abstract?

**A** **Hayi.** Ingqungquthela yamkela zombini iintetho ezisekelwe kuphando kunye nezo zisekelwe kumsebenzi wokwenyani (practice), kuquka ootitshala, abasebenzi boluntu, nemibutho esebenza kwicandelo lokufunda nokubhala.

**Q** Ngaba ndingangenisa ndize ndiveze ngolunye ulwimi ngaphandle kwesiNgesi?

**A** **Ewe.** Izicelo kunye neentetho zamkelekile kuzo zonke iilwimi ezili-12 ezisemthethweni eMzantsi Afrika. Abangenisi kufuneka bachaze ulwimi abathanda ukusebenzisa xa bethumela i-abstract.